

## Literacy: the bad news and the good news

Every year on 8 September the world marks International Literacy Day.

On this day we think about the role that reading and writing plays in our lives, and we remember how far we still have to go to have a world in which everyone is able to read and write. For example:

- ★ The United Nations Educational, Scientific and Cultural Organisation (UNESCO) reported in 2015 that there are 757 million people across the world who are not able to read or write a simple sentence.
- ★ UNESCO also reported that at least 250 million of the world's 650 million primary school children are unable to read, write or do basic mathematics.
- ★ In South Africa, only 14% of us are active book readers and only 5% of all parents or caregivers read to their children.

So, that's the bad news. The good news is that every one of us is able to do our bit to build a more literate world. We do this when we help our own children become lifelong readers by following a few basic reading guidelines.

1. Read aloud to your children as often as possible. Commit to spending 15 minutes every day reading to them. When you read aloud to children and they enjoy the story, they see reading as a satisfying and enjoyable activity. This motivates them to want to read for themselves.
2. Read to your children in their home language/s, whenever possible. This doesn't mean that you shouldn't sometimes read to them in other languages too. It's just that nothing beats reading or listening to a story in your home language!
3. Read aloud to your children not only when they are very young, but also once they can read for themselves.
4. Take turns to choose what you read together. Talk to your children about which kinds of books they like. Do they like storybooks or information books? And what kind of stories do they like: adventure stories, fantasy, or stories about everyday life? Then help your children find the books they want.
5. Use reading and writing yourself! Your children learn from your example. They need to see you using reading and writing in different ways in your daily life if you want them to do this too.



## Ilitheresi: iindaba ezimbi kunye nezimnandi

Nyaka ngamnye, ngomhla we-8 kweyoMsintsi ihlabathi libhiyozela uSuku lwelitheresi lweZizwe ngeZizwe.

Ngolu suku sicinga ngendima edlalwa kukufunda nokubhala ebomini bethu, kwaye sikhumbula umgama ekusafuneka ukuba siwuhambe ukuze sibe nehlabathi apho wonke ubani akwaziyo ukufunda nokubhala. Umzekelo:

- ★ Ngowama-2015 i-United Nations Educational, Scientific and Cultural Organisation (i-UNESCO) yabhengeza ukuba kukho abantu abazizigidi ezingama-757 ehlabathini liphela abangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala isivakalisana nje esilula.
- ★ I-UNESCO ikwabhengeze ukuba ubuncinane zizigidi ezingama-250 kwezo zigidi zingama-650 zabantwana abakwizikolo zamabanga aphantsi abangakwaziyo ukufunda, ukubhala okanye ukwenza izibalo ezilula nezisisiseko.
- ★ EMzantsi Afrika, ziipesenti ezi-14 nje kuphela zabantu abakhuthalele ukufunda iincwadi kwaye ziipesenti ezi-5 nje kuphela zabo bonke abazali okanye iimpelesi ezibafundelayo abantwana bazo.

Ezo ke ziindaba ezimbi. Iindaba ezimnandi ke zezokuba umntu ngamnye kuthi uyakwazi ukudlala indinyana yakhe ekwakheni ihlabathi elikwaziyo ukufunda nokubhala ngokupheleleyo. Sikwenza oku ke xa sancedisa abantwana bethu ukuze babengabafundi ubomi babo bonke ngokulandela izikhokelo zokufunda nje ezimbalwa ezisisiseko.

1. Soloko ufundela ngokuvakalayo abantwana bakho kangangoko unakho. Zinikele ekuchitheni imizuzu e-15 yonke imihla, ubafundela. Xa ufundela abantwana ngokuvakalayo naxa belonwabele ibali elo, ukufunda bakubona njengento eyonelisayo neyonwabisayo. Oku kubakhuthaza ukuba bafune ukuzifundela ngokwabo.
2. Fundela abantwana ngolwimi lwabo lweenkobe/ngeelwimi zabo zeenkobe nanini na xa kusenzeka. Oku akuthethi ukuba ngamanye amaxesha awunakubafundela nangezinye iilwimi. Into ephambili inye nje kukuba akukho nto igqitha ukufunda okanye ukumamela ibali ngolwimi lwakho lweenkobe!
3. Awubafundeli ngokuvakalayo abantwana bakho lo mzuzu basebancinane kakhulu nje kuphela, koko ubafundela naxa sele bekwazi ukuzifundela nangokwabo.
4. Nikanani amathuba okukhetha ukuba niza kufunda ntoni xa nikunye. Ncokola nabantwana bakho malunga neencwadi abazithandayo. Ingaba bathanda iincwadi zamabali okanye iincwadi eziqulethe ulwazi nengcaciso? Kwaye ingaba anjani amabali abawathandayo: ngamabali abalisa ngamahlandinyuka, ingaba ngamabali efantasi, okanye ingaba ngamabali abalisa ngobomi bemihla ngemihla? Emva koko ke nceda ufunise abantwana bakho ezo ncwadi bazifunayo.
5. Nawe kusebenzise ukufunda nokubhala oku kwakho! Kaloku wena ungumzekelo ebantwaneni bakho. Kufuneka bakubone ukusebenzisa ukufunda nokubhala ngeendlela ezininzi ezahlukileyo ebomini bakho bemihla ngemihla ukuba nawe ufuna balandele ekhondweni.

Download your FREE copy of Nalibali's Children's Literacy Charter and Children's Literacy Rights poster from the "Story supplies" section on our website: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

Zikopele SIMAHLA eyakho ikopi yoMqulu okhuthaza iLitheresi yaBantwana yakwaNal'ibali kwakunye nekopi yePowusta yamaLungelo Abantwana eLitheresi kwicandelo elithi "Story supplies" elikwiwebhusayithi yethu u-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your imagination

Story Power.

Anywhere. Anytime. Anyone.  
Naphi na. Nanini na. Nabani na.



It starts with a story...



## Nal'ibali news

**Nal'ibali has been very busy spreading the news about the power of reading for enjoyment!**

In April this year, Blind SA in partnership with Nal'ibali launched the first Braille edition of Nal'ibali's Children's Literacy Rights poster. The poster, first released in 2015, has eight short messages aimed at helping children to understand what they need to become inspired and independent readers and writers. The poster was endorsed by the United Nations Children's Emergency Fund (UNICEF), The International Board on Books for Young People (IBBY International), The South African Book Development Council / National Book Week, The Publishers' Association of South Africa (PASA), The Little Hands Trust and PEN South Africa.

Until recently, the poster has been available in the 11 official South African languages. Now, through an on-going partnership with Blind SA, it is also available in Braille, which means that for the first time visually impaired children have the opportunity to read it for themselves.

"Literacy should be a right, not a privilege. There is nothing quite like reading a story and becoming part of the storyline. Reading, in whatever format, opens so many doors and enriches the reader with so much knowledge," said Cathy Donaldson, President of Blind SA, at the launch of the Braille version of the poster at Sibonele School for the Blind in Meyerton, Gauteng.

We are so pleased that through our partnership with Blind SA, visually impaired children will be able to learn about their literacy rights and then also enjoy a Nal'ibali story published each month in Blind SA's Braille magazine, *Youth Magazine*.

## Iindaba zakwaNal'ibali

**UNal'ibali ubila esoma, esasaza iindaba ezimalunga namandla okufundela ukuzonwabisa!**

KuTshazimpunzi walo nyaka, umbutho weBlind SA usebenzisene noNal'ibali ekusunguleni ipowusta yakwaNal'ibali yokuqala yamaLungelo eLitheresi aBantwana eshicilelwe ngeBraille. Le powusta, eyaqalwa ukupapashwa kowama-2015, inemiyalezwana emifutshane esibhozo ejolise ekuncedeni abantwana ukuze baqonde ukuba yintoni abayidingayo ukuze babengabafundi nababhali abavuselelekileyo nabazimeleyo. Le powusta yaqiniselwa ngelixhasayo ngumbutho we-United Nations Children's Emergency Fund (i-UNICEF), yi-International Board on Books for Young People (i-IBBY International), yiSouth African Book Development Council / yiNational Book Week, yiPublishers' Association of South Africa (iPASA), ngumbutho weLittle Hands Trust kunye nePEN South Africa.

Le powusta ibikade ifumaneka ngeelwimi ezili-11 zoMzantsi Afrika kuphela. Kodwa ngoku, ngenxa yentsebenziswano eqhubekayo phakathi kwethu nabakwaBlind SA, iyafumaneka nangeBraille, nto leyo ethetha ukuba, okokuqala, abantwana abangaboniyo banethuba lokuzifundela le powusta ngokwabo.

"Ilitheresi kufuneka ibelilungelo kumntu wonke, hayi ilungelo elilodwa labathile. Ayikho into emnandi njengokufunda ibali uze uzibone uyinxalenye yesakhiwo sebali. Ukufunda, nokuba kungayiphi na indlela, kuvula iingcango ezininzi kwaye kuxhobisa umfundi ngendyabo eninzi yolwazi," kutsho uCathy Donaldson, uMongameli weBlind SA, kumsitho wokusungula le powusta ishicilelwe ngeBraille kwiSikolo seeMfama, iSibonele eMeyerton, eGauteng.

Sivuyiswa kakhulu kukusebenzisana kwethu neBlind SA, kuba ngaloo ntsebenziswano yethu abantwana abanengxaki yokungaboni baza kukwazi ukufunda malunga namalungelo abo elitheresi baze kananjalo bakwazi nokonwabela ibali likaNal'ibali elipapashwa nyanga nganye kwimagazini, i*Youth Magazine* yiBlind SA.



A visually impaired child reads the Braille version of Nal'ibali's Children's Literacy Rights poster.

Nanku umntwana ongaboniyo efunda ipowusta yamaLungelo eLitheresi aBantwana ebhalwe ngeBraille.



Children at Sibonele School for the Blind enjoying Nal'ibali's Children's Literacy Rights poster.

Abantwana beSikolo seeMfama, iSibonele bonwabele ipowusta yakwaNal'ibali yamaLungelo eLitheresi aBantwana.



**If you would like a copy of Nal'ibali's Children's Literacy Rights poster in Braille, contact Sanette Jordaan from Blind SA on 011 839 1793 or [sanette@blindsa.org.za](mailto:sanette@blindsa.org.za).**

**Ukuba ungathanda ukufumana ikopi yepowusta yamaLungelo eLitheresi aBantwana yakwaNal'ibali ebhalwe ngeBraille, qhagamshelana noSanette Jordaan weBlind SA ku-011 839 1793 okanye ku-[sanette@blindsa.org.za](mailto:sanette@blindsa.org.za).**

### NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show: Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday at 9.30 a.m. SAfm on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.



**SABC EDUCATION**  
Enriching minds. Enriching lives.

### UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali: Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa ngo-9.30. Kwi-SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini ngo-1.50.



Drive your imagination



From 13 to 15 May, Nal'ibali brought the power of children's stories to the Franschhoek Literary Festival in the Western Cape. At the festival we hosted storytelling events in English and isiXhosa, and we also had a pop-up book stand where people could get free books.


Together with the Jungle Theatre Company, Nal'ibali visited Dalubuhle Primary School. The Jungle Theatre Company performed an English-isiXhosa play based on our version of the traditional folktale, "How stories began". All the children who attended the performance received a free copy of the Nal'ibali Newspaper Supplement. Then the Grade 7s enjoyed participating in a workshop where they created their own mini-libraries from old shoeboxes, magazines, string and the cut-out-and-keep stories from the Nal'ibali Newspaper Supplement.

Then it was the turn of young children at the Groendal Soup Kitchen to experience some Nal'ibali magic! They enjoyed singing and dancing with the Nal'ibali team before meeting the Nal'ibali character, Bella, and watching the Jungle Theatre Company's performance of "How stories began".

The streets of Franschhoek also saw the Nal'ibali team singing songs and telling stories. Over the three days of the festival, we held over 16 pop-up storytellings where we surprised adults and children with exciting songs and tales!

And then there was our Nal'ibali-Pick n Pay book giveaway! Cambridge University Press, Exclusive Books, Jacana and The Little Hands Trust had all donated books which we were able to give away. Outside Pick n Pay, children lined up and told us their favourite stories in exchange for books and T-shirts.

The Franschhoek Literary Festival was an opportunity for children and their teachers, parents and caregivers to have fun with stories – and then take a little of that magic home afterwards.



The children at Dalubuhle Primary School in Franschhoek reading their free copies of the Nal'ibali Newspaper Supplement.

Abantwana beSikolo samaBanga aPhantsi, iDalubuhle eFranschhoek befunda iikopi zabo zasimahla zoHlelo lwePhephandaba lukaNal'ibali.



Children at Groendal Soup Kitchen enjoy the Jungle Theatre Company's performance of "How stories began".

Abantwana ababeseGroendal Soup Kitchen bonwabele udlaliso-qongemi okanye ulingisa othi, "Aqala njani amabali" esenziwa yiJungle Theatre Company.

Ukususela ngomhla we-13 ukuya kowe-15 kuCanzibe, uNal'ibali uye wasa amandla ebali ebantwaneni kumnyhadala welitheresi owaziwa ngokuba yiFranschhoek Literary Festival kweleNtshona Koloni. Kuloo mnyhadala sasindleka umsitho wokubalisa amabali ngesiNgesi nangesiXhosa, kwaye sasinesitendi sethutyana seencwadi apha naphaya, nalapho abantu babekwazi ukufumana iincwadi simahla.

Ebambisene kunye neJungle Theatre Company, uNal'ibali utyelele iSikolo samaBanga aPhantsi, iDalubuhle. IJungle Theatre Company yenza udlaliso-qongeni okanye ulingisa, ngesiNgesi nangesiXhosa, osekelwe kwintsoni yemveli yethu ethi, "Aqala njani amabali". Bonke abantwana ababekhona kulo mdlalo weqonga bafumana simahla ikopi yePhephandaba enoHlelo lwakwaNal'ibali. Kananjalo abafundi beBanga le-7 bakwazile ukonwabela ukuthatha inxaxheba kwindibano yocweyo apho kufuneka ukuba bazenzele amathala abo eencwadi amancinane besebenzisa iibhokisi zezihlangu ezidala, iimagazini, imitya kunye namabali onokuwasika-ze-uwagcine avela kuHlelo lwePhephandaba lukaNal'ibali.

Emva koko ke ibelithuba labantwana abancinane ababeseGroendal Soup Kitchen lokuba nabo bafumane ubugqi bakwaNal'ibali! Bakonwabela kakhulu ukucula nokudanisa neqela lakwaNal'ibali phambi kokuhlangana kwabo nomlinganiswa wakwaNal'ibali, uBella, baze babukela nodlaliso-qongeni okanye ulingisa othi, "Aqala njani amabali" owenziwa yiJungle Theatre Company.

Kananjalo, kwezo zitalato zaseFranschhoek kwabonwa iqela lakwaNal'ibali licula iingoma, libalisa namabali. Kwezo ntsuku zintathu zomnyhadala welitheresi, sabalisa amabali apha naphaya izihlandlo ezili-16 nalapho sasisothusa abazali nabantwana ngeengoma neentsomi bengalindelanga!

Emva koko yaba lithuba lethu lokuphisa ngeencwadi ngenkxaso yabakwaPick n Pay! AbakwaCambridge University Press, i-Exclusive Books, uJacana kunye neThe Little Hands Trust, bonke basiphe iincwadi nesithe nathi sanikisa ngazo zonke ebantwini. Ngaphandle kwevenkile yakwaPick n Pay, abantwana babemi ngomgca besibalisela awona mabali bawathandayo ukuze bafumane iincwadi nezikipa ngoko.

Umnyhadala, iFranschhoek Literary Festival yabalithuba lokuba abantwana kunye nootitshala babo, abazali kunye neempelesi bonwabele amabali – baze ke emva koko bagoduke nentwanana yaloo mlingo nobo bugqi bamabali.



The Nal'ibali book stand with some of the books we gave away.

Izitendi zeencwadi zethutyana zakwaNal'ibali zigcwaliswe zezinye iincwadi esaphisa ngazo.

## Remember!

Nal'ibali is running its annual Story Bosso competition in September! Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to find out how to enter, where our events will be held, and how to get your story noticed. You could be South Africa's next Story Bosso!

## Khumbula!

KweyoMsintsi uNal'ibali uza kuqhuba ukhuphiswano lwakhe lonyaka lweSotry Bosso! Yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ufumanise indlela yokungenela olu khuphiswano, iindawo ekuza kubanjelwa kuzo imisitho yethu, kunye neendlela ongenza ngazo ukuze ibali lakho litsale umdla kwaye liqatshelwe. UnganguStory Bosso waseMzantsi Afrika olandelayo!



## Get creative!

Here are some fun things for you and your children to do after you've read the stories in this edition of the *Nal'ibali* Newspaper Supplement as well as some activities to help you celebrate International Literacy Day.

## Sebenzisa ubugcisa bakho!

Nazi ezinye zezinto ezonwabisayo ezinokwenziwa nguwe kunye nabantwana bakho emva kokuba nifunde amabali akolu Hlelo lwePhephandaba likaNal'ibali kwakunye nemisetyenzana enokukunceda ubhiyozele uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe.

- ★ Use some of your own magic to create beautiful things from scrap materials, just like Joseph did in *All the magic in the world*. What can you create from pull-tops, bottle tops, or plastic cooldrink bottles?



- ★ Sebenzisa obakho ubugcisa, umlingo nobugqi ukwenza izinto ezintle usebenzisa izinto ezilahliweyo, kanye njengokuba enze njalo noJoseph kwibali elithi, *Bonke ubugqi nomlingo ehlabathini*. Ungenza ntoni ngeziciko zesiselo eziyimiqheba, iziciko zeebhotile okanye iibhotile zeplastiki zesiselo?

- ★ Find a long piece of string and then play string games where you create pictures like the cup and saucer, and house that Joseph made in *All the magic in the world*. Try making cat's whiskers and a butterfly too. Find step-by-step guidelines to making these here: <http://www.kidspot.com.au/things-to-do/galleries/kids-games/5-string-games-for-kids-to-play>.



- ★ Khangelani umtya omde okanye intanjana nize nidlale imidlalo esebenzisa intambo apho nenza imifanekiso efana nekomityi nesosi, kwakunye nendlu eyenziwa nguJoseph kwibali elithi, *Bonke ubugqi nomlingo ehlabathini*. Zamani ukwenza namabhovu ekati kwakunye nebhathathane. Funani isikhokelo sokwenza ezi zinto ngokokulandelelana kwamanyathelo okwenziwa kwazo apha: <http://www.kidspot.com.au/things-to-do/galleries/kids-games/5-string-games-for-kids-to-play>.

### DID YOU KNOW?

String games are played by children all over the world and are some of the oldest games around – people have been playing them for over 2 000 years!

### UBUSAZI NA?

Imidlalo yentambo idlalwa ngabantwana kulo lonke ihlabathi kwaye yeyeminye yemidlalo ekudala yabakho – kungaphaya kweminyaka engama-2 000 le midlalo indlalwa ngabantu!



- ★ Create your own little "Knock, knock!" story by folding a sheet of A4 paper to make a book with eight pages. Copy the words "Knock, knock!" onto the pages of your book, like they are used in the cut-out-and-keep book, *Knock, knock!* Then have fun adding in the other words of your story and drawing the pictures.




- ★ Zenzele elakho ibalana elincinane elithi "Nkqo-nkqo!" ngokusonga uxwebhu lwephepha elingu-A4 ubukhulu uze wenze incwadi enamaphepha asibhozo. Kopa amagama athi "Nkqo-nkqo!" uwabhale kula maphepha ale ncwadi uyenzileyo, nanjengoko esetyenziswe kwincwadi onokuyisika-ze-uyigcine ethi, *Nkqo-nkqo!* Emva koko yonwabela ukongeza amanye amagama kwibali lakho, uzobe nemifanekiso.

- ★ In *Thoko's first library book*, Thoko liked a story about some animals and a monster. What is your favourite story? Create your own review of it! Draw a picture of the cover (if it's a book) or another picture about the story, and write a few sentences on what the story is about and why you like it. You could also draw between one and five stars next to your review to show how much you like the story!



- ★ Kwibali elithi, *Incwadi yethala leencwadi yokuqala kaThoko*, uThoko wathanda ibali elimalunga nezilwanyana kunye negongqongqo. Lithini elona bali ulithandayo? Bhala isigxekoncomo selo bali! Zoba umfanekiso weqweqwe (ukuba yincwadi) okanye omnye umfanekiso omalunga nebali, uze ke ubhale izivakalisi ezimbalwa malunga nokuba lingantoni na ibali elo kwanezizathu ezibangela ukuba ulithande. Ungazoba phakathi kwenkwenkwezi enye ukuya kwezintlanu ecaleni kwesigxekoncomo sakho ukubonisa ukuba ulithande kangakanani na ibali elo!

- ★ Celebrate International Literacy Day by:
  - ✎ sharing the joy of reading with others when you choose a few of your favourite storybooks to read to children or adults who are not able to read for themselves.
  - ✎ challenging yourself during September to read books by authors who are new to you, or to try reading books on topics that you don't know anything about.
  - ✎ making up some poems or rhymes together – you don't have to write a whole poem all at once; just add a few lines or a verse to your poem or rhyme each day and watch it grow.
  - ✎ writing a story as a gift for someone important to you. (If you need help doing this, ask someone to write down the words of your story as you say them.)
  - ✎ talking about all the things you couldn't do if you were not able to read or write.



- ★ Bhiyozele uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe:
  - ✎ ngokwabelana ngolonwabo lokufunda nabanye xa ukhetha iincwadi zakho ezimbalwa zawona mabali uwathandayo oza kuzifundela abantwana okanye abantu abadala abangakwaziyo bona ukuzifundela ngokwabo.
  - ✎ ngokuthi wena buqu uzicele umngeni kule nyanga yoMsintsi ngokufunda iincwadi zababhali abatsha ongazange wazifunda ngaphambili, okanye ngokuzama ukufunda iincwadi ezingemiba ongazinto kwaphela ngayo.
  - ✎ ngokuqamba imibongo kunye nezicengcelezo nikunye – akunyanzelekanga ukuba niwubhale uphelele umbongo ngoko nangoko, manani nje nisongeza imiqolo embalwa okanye ivesi kumbongo wenu okanye kwisicengcelezo senu yonke imihla nize niwubukele ukhula ngokukhula.
  - ✎ ngokubhala ibali eliza kuba sisipho somntu obalulekileyo kuwe. (Ukuba ufuna uncedo ukwenza oku, cela omnye umntu akubhalele phantsi amagama ebali lakho njengokuba wena ulibalisa.)
  - ✎ ngokuthetha malunga nazo zonke izinto obungasayi kuzenza ukuba ubungakwazi ukufunda okanye ukubhala.


### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Knock, knock!

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### All the magic in the world

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Nkqo-nkqo!

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### Bonke ubugqi nomlingo ehlabathini

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Phinda uwasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination



“This was around a package,” he said, “and then it was thrown away.” He carefully undid all the knots and tied the two ends of the string together. “But look, it can make pictures.”  
 “A cup and a saucer,” said Lena.  
 “Lo mya ubudophe ipasile,” watsho uJoseph, “waze ke emva koko walahlwa.”  
 Wawakhulula onke loo maqhina ngononophelo waze wawubanisa ngeziphelo zawo zozibini. “Kodwa uyabona, uyakwazi ukwenza imifanekiso ngawo.”  
 “Ikomityi kunye nesosi,” watsho uLena.


All the magic in the world is from the SONGOLOLO list – a range of books celebrating both the common and diverse interests and experiences in childhood, featuring stories from Africa and beyond.

Shuter & Shooter Publishers acquired the award-winning children’s picture book imprint, SONGOLOLO in 2008. SONGOLOLO is a quality list, featuring books by some of South Africa’s foremost authors and illustrators, including Niki Daly, Gcina Mhlophe, Joan Rankin and Jude Daly. The list features several bestsellers, including Niki Daly’s *Mama, Papa and Baby Joe*, and Joan Rankin’s *Wow! It’s Great Being a Duck* and other numerous award-winning titles. For further information, visit [www.shuters.com](http://www.shuters.com)



## All the magic in the world Bonke ubugqi nomlingo ehlabathini

Wendy Hartmann  
 Niki Daly



Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




“It’s my special tin,” he said. “There’s nothing in it to spend or to eat. But . . .” And Lena sat down to listen. Out of the tin he pulled an old piece of string. It was twisted and full of knots.

“Yitoti yam ekhethekileyo le?” watsho. “Akukho mali yokuthenga kuyo okanye into yokuya. Kodwa . . .” U Lena wahlala phantsi ukuze aphulaphule kakuhle. Kuloo toti wakhupha umtyana omdala. Wawuphithene uzele ngamaqhina.



Every Friday evening, Sonnie, Stefan, Anna, Chrissie, and Lena played in the street or in the yard.

If it had rained, they made mud socks on their feet and paraded past the chickens, making silly noises.




“You have magic in that tin,” she whispered.  
 “No, Lena,” said Joseph. “There is no magic in my tin. All the magic in the world is not found in tins.”  
 “Where is it found, then?” the children asked.  
 Joseph smiled. “You’ve seen the things – things I pick up here and there.” They nodded.  
 “You saw the shell?”  
 “Yes,” they said, “we heard the sea.”  
 “You saw the pull-tops?”  
 “Yes.”  
 “And you *saw* the princess?”  
 Joseph shut the tin. “So you tell me where the magic is found.”


“Unobugqi bokwenene kuloo toti,” wasebeza watsho uLena.  
 “Hayi, akunjalo Lena,” watsho uJoseph. “Akukho bugqi kule toti yam. Bonke ubugqi ehlabathini abufunyanwa ezitotini.”  
 “Bufunyanwa phi ke?” babuza abantwana.  
 UJoseph wancuma. “Nizibonile izinto – izinto endizichola apha naphaya.” Banqwala ke nabo abantwana.  
 “Nilibonile iqokobhe likanokrwece?”  
 “Ewe,” batsho “siluvile nolwandle.”  
 “Niyibonile imiqheba yeziciko zesiselo?”  
 “Ewe.”  
 Kwaye *nizibonile* nenkosazana?  
 UJoseph wayivala itoti yakhe. “Ngoko ke, ndixeleleni ukuba obu bugqi bufumaneka phi na.”



“A house... Magci?”  
 “Indlu... Ngumlingo wokwene!”




Qho ngokuhlwa kwangoLwesihlanu, uSannie, uStefan, u-Anna, uChrissie kunye noLena badlala esitalatweni okanye eyadini. Ukuba kunethile, benza iikawusi zodaka ngokuziqaba udaka emilenzeni ze benyuke beshla ngasezinkukhwini besenza ingxolwana egezayo ngathi ziinkukhu.



Ulena waya ngakuJoseph. UJoseph wayehleli yedwa  
ekoneni yevankle yakhe, esingathe itoti yakhe. Ulena  
wasondela kuye. UJoseph waze wammcumela.



She turned towards Joseph. He sat alone at the  
corner of his shop with his tin on his lap. Lena crept  
closer. He smiled at her.




If it was cold, they crowded around the  
roadworker's drum to watch the orange flames  
lick at the damp air. Firelight painted them gold  
and warm. Sometimes they talked about Joseph,  
the odd-job man. Joseph always had a tin.  
"For my special things," he told them.  
But they laughed. "Silly old Joseph," they  
whispered, "picking up junk to keep in a tin."

Abanye abantwana babaleka ukuzwa kubona ukubona. UJoseph  
wabamba isandla sikalena. Kusobabeka iqokobhe likanokwecce,  
owayemhlophe njengeperle kwaye egudile. Umphakathi walo  
wawuvakalisa isandi solwandle. Babelwa ulwandle olo lusebeza xa  
boyamise elo qokobhe ezindibeni zabo. Kwaye xa becmbele mba,  
babengathi bajoya loo tyuwa iza namaza olwandle ngeempumlo zabo.



The others ran to see. Joseph took Lena's hand. In it he placed a  
shell, pearly white and smooth. Its empty insides held the sound of the  
sea. They heard it whisper when they pressed the shell close to their  
ears. And when they shut their eyes tight, they could almost smell the  
salt on the waves.

UNkosazana Lena wavova. Wancuma uncumo lwenkosazana  
yenene waze wahamba wajikela ngaphaya koStefan kunye  
noChrissie, iingalo zakhe ezolulile, intloko yakhe ithe qwa.  
Umqokozo osilivere wawumenyezela entanyeni yakhe kwaye  
wonke umntu wayibona indlela andiliseke ngayo. Wadanisa  
kancinane ngathi yimpepho eshukumisa amasimi engqolowa.





Molo, Nkomo!  
Hello, Cow!



Nkqo-nkqo!  
Knock, knock!



Molo, Nkukhu!  
Hello, Hen!



Nkqo-nkqo!  
Knock, knock!



We publish what we like

This is an adapted version of *Knock, knock!* published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiZulu, isiXhosa, English, Afrikaans, Setswana, Sesotho, Sepedi, Siswati, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Nkqo-nkqo!* elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-online ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

# Knock, knock! Nkqo-nkqo!

Carole Bloch  
Alzette Prins



Molo, N'jal  
Hello, Dog!



Nkqo-nkqo!  
Knock, knock!




Knock, knock!

Hello, Mama!




Nkqo-nkqo!

Molo, Mama!




Then Joseph shook the tin. It made a mysterious sound. "Look," he said, emptying a fistful of pull-tops from a cold drink can onto the ground. Kings gleamed in the evening light and shiny tongues curled on the sand.

Emva koko uJoseph uye washukumisa itoti yakhe. Yenza isandi esimangalisayo nesingaqhelekanga. "Jonga," watsho, ekhupha isandla esizele yimiqheba yeziciko zeziselo esisizitotini, ziciko koko kukhanya kwangokuhlwa kwaye kwakubonakala namalwimi azo asongekileyo endabathini.




Her Royal Highness Princess Lena curtsied. She smiled a princess's smile and walked around Stefan and Chrissie, her arms outstretched, her head held high. The silver chain glittered around her neck and everyone saw how graceful she was. She danced a little dance like the wind across the wheat fields.




Lena who was teased because she stumbled on stairs and fell out of trees. Little Lena who always tripped over her own two feet. She twanged out music with a piece of broken wire, pulling it back and letting it go so that it hit the metal sign.

Ulena wayencithwa kuba wayekhhubeka gho ezitephsini aze awe naxa ekhwela emithini. Ngulo Lena mncinane owayekhhubeka awe nalapha ezinyaweni zakhe zombini. Wayesenza umculo ngocingwana oluncinane, xa elutsala ze aluyeke luzibuyele kwakhona luye kubetheka kwintsinjana encinane.




Ukuba kuyabanda, bangqonga loo mbawula yabasebenzi abenza indlela, babukele idangatywe limana ukulengetyeka emoyeni. Ukukhanya komlilo kubenza babebugolide kwaye kubafudumeze. Ngamanye amaxesha bancokola ngoJoseph, indoda chamba icela izingxungxu. UJoseph usoloko ephethe itoti. "Yeyezinto zam ezikhethekileyo," ubaxelela oko xa bembuza. Kodwa basuka bamhleke. "Eli xhego linguJoseph," basebeza batsho, "lichola-chola zonke nje izinto ezilahliweyo ze lizifake kule toti."



One evening, Sonnie, Stefan, and Chrissie climbed the milkwood tree to hang like monkeys in the branches, and Anna drew pictures in the sand. But Lena stood at the gate.

Ngobunye ubusuku, uSonnie, uStefan noChrissie bagwencela emthini womqwashu ukuze bajinge kumasebe awo njengeenkawu, waze ke u-Anna yena wazoba entlabathini. Kodwa yena uLena wayemi ngasesangweni.



Joseph got up and stood in front of Lena. He put the silver chain around her neck and bowed low.  
“Your Highness,” he said.

UJoseph waphakama wema phambi kukaLena. Wamnxibisa loo mqokozo usilivere entanyeni yakhe waze wathoba intloko, wanqwala.  
“Ngoku ke uyinKosazana,” watsho.



He sent Anna to get a piece of flat wood and Sonnie to get a smooth round stone. Then he hammered and bent and hammered and bent, all while telling his story. “I was lucky to find these.” He winked at Lena. “You know, when they are all put together, they become a magic chain. And anyone who wears it becomes a princess,” he said as he bent the last link.

UJoseph wathuma u-Anna ukuba aze neplanga elisibaca ze yena uSonnie eze neihye elingqukuva neliguqileyo. Emva koko ke wabethela egoba, wabethela egoba, ngalo lonke elo xesha ebalisa ibali lakhe. “Ndiবেনেহামসংগা ukufumana ezi zinto.” Wabebela uLena imchlo. “Uyazi, xa zidityanisiwe zonke ezi ziciko, ziba ngumqokozo wobugqi. Kwaye nabani na ophi awunxibe uba yinKosazana,” watsho xa wayegoba ikhonkco lokugqibela.

# Thoko's first library book

Story and illustrations by Niki Daly



Thoko walked into the library with Gogo. She liked the smell of the new building. She liked the shelves of books and shiny tables. Today, she hoped to find something special to read. A storybook ... with pictures!

She held Gogo's warm hand as they walked into the room where all the children's books were kept. A lady at a desk looked up and smiled. She wore a little badge. On it was written, "Li-bra-ri-an".

"Thoko would like to borrow a book from the library," said Gogo.

"Does Thoko have a library card?" asked the librarian. Thoko shook her head. "Well, you can get a library card to take out books after your Gogo has filled out a form," said the librarian.

Gogo sat down on a little yellow chair at a little green table and started to fill in the form. Thoko sat on a red chair and looked around. There were lots of different coloured tables and chairs. On the walls were lots of colourful pictures and posters. On the shelves were lots and lots and lots of books.

"I like it here," whispered Thoko. Gogo looked up and smiled.

"Why don't you find a nice book to take home," said Gogo.

Thoko walked around the room slowly. Some books were on shelves too high for her to reach. Some she could reach, but they had too many words and no pictures.

"Let me show you where the picture books are kept, Thoko," said the nice librarian, whose name was Nadia. Thoko followed Nadia to shelves that were just the right height for her.



"Take your time," said Nadia. "I'm sure you'll find just the right book for yourself."

By the time Gogo handed in the form, Thoko had found just the right book – a book about a mouse, a fox, an owl, a snake AND a terrible monster with horns and tusks.

"This looks very scary. Let's see if there's one that won't give you nightmares," said Gogo. Gogo found a book with a pretty cover. It had a picture of a fairy in a pink ballet dress and glittery wings.

"This looks like a lovely book," said Gogo. But Thoko shook her head. She knew what she liked and she knew what she wanted. So, she held tightly onto her book.

"Ah, everyone likes that book," said the librarian when she saw which book Thoko had chosen. Thoko looked carefully as her book was stamped with the date that she would have to bring it back. "There you go!" said Nadia, handing Thoko her first library book and her first library card.

"Now you are a member of the library," said Nadia. Thoko was very happy!

"Carry the book nicely," said Gogo as they left.

That book! What a story! What pictures! Even Gogo said it was the best children's story she had ever read. And when Thoko told the children at school about the book, they all wanted to see the pictures too.

So, one Friday, Thoko took the library book to school for Mrs Rhode, her teacher, to read and show the pictures. The children laughed and loved the story, especially Themba, who wanted it to be read again and again. But Mrs Rhode closed the book and gave it to Thoko to put back safely in her bag.

That evening at bedtime, Gogo said, "Thoko, tomorrow is the day we have to take your library book back to the library. So, tonight will be the last night for us to read that funny story." Excitedly, Thoko opened her bag, but the library book was not there!

"Oh, Thoko," said Gogo, "you must have left it at school!"

"No," said Thoko, "I put it in my bag when Mrs Rhode gave it back to me!"

Thoko wanted to cry. What would the librarian say if she didn't take her book back the next day? Then she did start to cry!

"Who would take it from your bag?" asked Gogo. Thoko thought and thought.

"Themba Nombela!" cried Thoko. "He loved the story so much he wanted it to be read again and again!"

"Does Themba steal?" asked Gogo.

"Themba sometimes takes things without asking, but he always brings them back," answered Thoko.

The next morning, Gogo and Thoko went to the Nombela's house to see if Themba had the library book.

"Yes," said Themba, "I meant to give it back, but Linzi Dube borrowed it from me."

So Themba showed Gogo and Thoko where the Dube's lived. When they reached the house, Linzi was there ... but not the book!

"Tata has it," said Linzi. "He can't read, but he wanted to look at the pictures."

So off went Linzi, Themba, Thoko and Gogo to Tata's house. They found him sitting outside his front door laughing his head off.

"Ha, ha, ha! Linzi, this book is too, too funny! I am enjoying it very much," said the old man. Gogo explained that the book belonged to the library and that they only had a few minutes to get it back to the library on time.



★ Continued on page 15





# Incwadi yethala leencwadi yokuqala kaThoko

Indawo Yamabali

Libali kunye nemifanekiso kaNiki Daly

UThoko wangena kwithala leencwadi ehamba kunye noMakhulu. Walithanda kakhulu ivumba lesakhiwo esitsha. Wazithanda kakhulu iishelufa zeencwadi kunye neetafile ezibengezelayo. Namhlanje wayenethemba lokufumana incwadi ekhethekileyo aza kuyifunda. Incwadi yamabali ... enemifanekiso!

Wabamba isandla sikaMakhulu esishushu xa bengena kwigumbi apho zonke iincwadi zabantwana zazigcinwa khona. Inenekazi elalisedesikeni laphakamisa intloko, labajonga lancuma. Lalinxibe ibheji encinane. Kuyo kwakubhalwe, "So-tha-la".

"UThoko angathanda ukuboleka incwadi kwithala leencwadi," kutsho uMakhulu.

"Ingaba uThoko unalo ikhadi lethala leencwadi?" wabuza usothala. UThoko wanikina intloko. "Kulungile ke, ungalifumana ikhadi lethala leencwadi uze uboleke iincwadi emva kokuba nje uMakhulu ezalise olu xwebhu," kwatsho usothala.

UMakhulu wahlala phantsi kwisitlwana esityheli esingakwitafilelana eluhlaza waze waqalisa ukuzalisa uxwebhu. UThoko wahlala esitulweni esibomvu wabhekabheka. Kwakukho iitafile nezitulo ezininzi ezimibalabala. Kwakuxhonywe imifanekiso neepowusta ezimibalabala edongeni. Ezishelufini kwakukho iincwadi ezizintlobo ngeentlobo nezininzi kakhulu.

"Ndiyalthanda eli thala leencwadi," kwasebeza uThoko. UMakhulu waphakamisa amehlo wamjonga, waze wancuma.

"Kutheni ungakhangele incwadi emnandi oza kuyiboleka ze ugoduke nayo nje," kwatsho uMakhulu.

UThoko wajikeleza kwelo gumbi ethe chu. Ezinye iincwadi zazikwiishelufa eziphezulu, angafikeleliyo kuzo. Kwezinye wayefikelela, kodwa ezo zona iincwadi zazinamagama amaninzi, zingenamifanekiso.

"Mandikubonise ukuba zigcinwa phi na iincwadi ezinemifanekiso, Thoko," kwatsho lo sothala unobubele, ogama linguNadia. UThoko walandela uNadia, baya kwiishelufa awayefikelela kakuhle kuzo.



"Ungangxami, uthathe ixesha lakho," kwatsho uNadia. "Ndiqinisekile uza kuyifumana eyona ncwadi ikulungeleyo apha."

Ngethuba uMakhulu engenisa uxwebhu, uThoko wayesele eyifumene incwadi emlungeleyo – incwadi eyayimalunga nempuku, impungutye, isikhova, inyoka KUNYE negongqongqo eloyikekayo elalineempondo namabamba amade.

"Le ncwadi ikhangeleka ngathi iyoyikisa. Masikhangele ukuba ayikho na enye engasayikukuphuphisa kakubi," kwatsho uMakhulu. UMakhulu wafumana incwadi eneqweqwe elihle. Yayinomfanekiso womkhonjane onxibe ilokhwe yokudanisa epinki kunye namaphiko amenyezelayo.

"Le ikhangeleka iyincwadi emnandi," watsho uMakhulu. Kodwa uThoko wanikina intloko. Wayekwazi akuthandayo kwaye wayeyazi into ayifunayo. Ngoko ke, wayibamba nkqi incwadi yakhe.

"Aha, wonke umntu uyayithanda loo ncwadi," kwatsho usothala xa ebona ukuba uThoko ukhethe eyiphi na incwadi. UThoko waqwalasela ngononophelo xa ebona incwadi yakhe igximfizwa isitampu esinomhla ekufuneka ayibuyise ngawo. "Nantso ke!" kwatsho uNadia, enika uThoko incwadi yakhe yokuqala ayiboleke kwithala leencwadi kunye nekhadi lakhe lokuqala.

"Ngoku ke ulilungu elipheleleyo lethala leencwadi," kwatsho uNadia. UThoko wayevuya kakhulu!

"Yiphathe kakuhle incwadi yakho," watsho uMakhulu xa beshiya ithala leencwadi.

Hayi loo ncwadi! Elinjani ukuba mnandi ibali! Enjani ukutsala umdla imifanekiso! Nkqu noMakhulu wathi lelona bali labantwana limnandi awakhe walifunda eli. Kwaye wathi xa uThoko ebalisela abanye abantwana ngelo bali, bonke bafuna ukuyibona loo mifanekiso.

Ngoko ke, kwathi ngomnye ulwesihlanu uThoko wayithatha le ncwadi kwithala leencwadi waya nayo esikolweni, eyiphathele uNkosikazi Rhode, utitshalakazi wakhe, ukuze amfundele ze ambonise naloo mifanekiso. Abantwana babehleka kuba babelithandile elo bali, ingakumbi uThemba, nowayefuna ukuba liphindaphindwe ukufundwa. Kodwa uNkosikazi Rhode wayivala incwadi wayinika uThoko ukuze ayifake ebhegini yakhe apho ikhuseleke khona.

Ngokuhlwa kwaloo mini, ngexesha lokulala, uMakhulu wathi, "Thoko, ngomso lusuku lokubuyisela incwadi yakho kwithala leencwadi. Oko ke kuthetha ukuba ngokuhlwanje bubusuku bokugqibela bokufunda elo bali lihlekisayo. Ngochulumanco, uThoko wavula ibhegi yakhe, kodwa incwadi yethala leencwadi yayingekho apho!

"Owu, Thoko" watsho uMakhulu, "inokuba uyishiye esikolweni!"

"Hayi," watsho uThoko, "Ndiyifake ebhegini yam asakundinika uNkosikazi Rhode!"

UThoko wayefuna ukukhala. Wayeza kuthini usothala ukuba uThoko akayibuyisanga incwadi ngosuku olulandelayo? Ngokwenene ke watsho waqalisa ukulala!

"Ngubani onokukhupha incwadi ebhegini yakho?" kwabuza uMakhulu. UThoko wacinga, ingqondo ibethabethana.

"NguThemba Nombela!" wakhala watsho uThoko. "Ebelithande kakhulu elaa bali kangangokuba ebefuna ukuba liphindaphindwe ukufundwa!"

"Ingaba uThemba lisela?" kwabuza uMakhulu.

"Ngamanye amaxesha uThemba uyazithatha izinto engazicelanga, kodwa udla ngokuzibuyisa," kwaphendula uThoko.

Ngentsasa elandelayo, uMakhulu noThoko baya kwaNombela ukuya kukhangele ukuba incwadi yasethaleni leencwadi ikuThemba kusini na.

"Ewe," watsho uThemba, "Bendiza kuyibuyisa, kodwa uLinzi Dube uye wayiboleka kum."

UThemba wabonisa uMakhulu kunye noThoko apho ukhoyo umzi wakwaDube. Ukufika kwabo kuloo mzi, uLinzi wayekhona ... kodwa yona incwadi yayingekho apho!

"IkuTatomkhulu," kwatsho uLinzi. "Akakwazi ukufunda, kodwa ebefuna ukubuka imifanekiso."

Nabo ke behamba bonke, uLinzi, uThemba, uThoko kunye noMakhulu besiya endlwini kaTatomkhulu. Bafika ehleli phambi kwendlu yakhe engahleki eqikileka.

"Ha, ha, ha! Linzi, le ncwadi ihlekisa kakhulu! Ndiyowabele kakhulu," latsho eli xhego. UMakhulu wamcacisela ukuba loo ncwadi yeyasethaleni leencwadi kwaye banemizuzu nje embalwa kakhulu yokuba bayibuyisele kwithala leencwadi kwangexesha.



★ Lisaqhubeka nakwiphepha le-15

Thoko had never seen Gogo walk so fast. But when they reached the library, the door was closed. Gogo read the notice and said, "It will only open again on Monday."

"But Gogo, the librarian will be very cross because the book must be back today."

"Don't worry about it," said Gogo. "I will explain to the librarian what happened. I am sure she will understand what can happen when a book is as nice as this one is. Everyone wants to read it! And until Monday comes, we can enjoy it a bit more."

When Monday afternoon came, Gogo and Thoko took the book to the library. Nadia noticed that it was late. But when Gogo explained why they could not bring it back on time, Nadia smiled and said, "That's a wonderful story! Thoko, next time, bring your friends to join the library ... and Linzi's grandfather too. We teach people to read on Friday mornings."

And that's exactly what happened.

Not only Themba who loves to borrow books, but Linzi and lots of Thoko's school friends have joined the library. And so did Linzi's grandfather! He likes the new words he learns to read every Friday. But the books he likes most of all, are the ones with pictures that make him laugh!



UThoko wayengazange ambone uMakhulu ekhawuleza ngohlobo awayekhawuleza ngalo namhlanje. Kodwa ukufika kwabo kwithala leencwadi, ucango lwalusele luvaliwe. UMakhulu wafunda isaziso waze wathi, "Kuza kuvulwa ngoMvulo kwakhona ngoku."

"Kodwa Makhulu, usothala uza kuqumba kakhulu kuba le ncwadi bekufuneka ukuba ibuye namhlanje," kwatsho uThoko.

"Ungazikhathazi ngaloo nto," kwatsho uMakhulu. "Usothala ndiza kumcacisela ukuba kwenzeke ntoni na. Ndiqinisekile ukuba uyayiqonda into enokwenzeka xa incwadi imnandi njengale. Wonke umntu ufuna ukuyifunda! Okwangoku ke, singakhe siqhube umzuzwana siyonwabela nangakumbi de kufike uMvulo lowo."

Kwathi kwakufika imvakwemini yangoMvulo, uMakhulu kunye noThoko bathatha incwadi bayibuyisela kwithala leencwadi. UNadia waqaphela ukuba idlulelwe lixesha. Kodwa wathi uMakhulu akumcacisela isizathu sokuba bangakwazi ukuyibuyisa kwangexesha, wasuka uNadia wancuma, wathi, "Libali elimangalisayo eliyaa! Thoko, kwixesha elizayo usiza, yiza nabahlobo bakho bonke ukuze babengamalungu ethala leencwadi nabo ... ningamshiya ke notatomkhulu kaLinzi naye. Sifundisa abantu ukufunda qho kusasa ngoLwesihlanu."

Nyhani ke, koko kanye okwenzekayo.

YayingengoThemba nje kuphela owaye wathanda ukuboleka iincwadi, kodwa uLinzi nabahlobo bakaThoko abaninzi babangamalungu ethala leencwadi. Nkqu naye notatomkhulu kaLinzi! Uwathanda kakhulu amagama amatsha awafunda qho ngoLwesihlanu. Kodwa ezona ncwadi azithanda kakhulu, zezo zinemifanekiso emenza ahleke aqikileke!



### Do you want to get in touch with us?

Is there something you would like to ask or tell us? You can do this by emailing us on [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), and someone from Na'ibali will email or phone you back. You can also phone our call centre on 02 11 80 40 80 from Monday to Friday between 9.15 a.m. and 4.15 p.m. But what if you don't have enough airtime to phone us? Then phone our call centre using a "missed call" and someone will call you back within 24 hours!



### Ingaba ufuna ukunxibelelana nathi?

Ingaba kukho into onqwenela ukusibuza okanye ukusixelela yona? Ungakwenza oko ngokusi-imeyilela ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), omnye wethu kwaNa'ibali uza kuku-imeyilela okanye akutsalele umnxeba. Kananjalo ungatsalela umnxeba kwiziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80 ukususela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu phakathi kuka-9:15 kusasa ukuya ku-4:15 emva kwemini. Kodwa wenza njani xa ungenamoya woneleyo wokusitsalela umnxeba? Tsalela umnxeba kwiziko lethu leminxeba usebenzisa "imissed call", omnye wethu uza kukutsalela umnxeba zingaphelanga iiyure ezingama-24 emva koko!

# Nal'ibali fun

Here are some puzzles to celebrate International Literacy Day on 8 September!


## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Nazi ezinye zeepezile zokubhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe ngomhla we-8 kweyoMsintsi!



**1.** Can you match the Nal'ibali characters to the kinds of books they like to read?

Ungakwazi ukutshatisa abalinganiswa bakwaNal'ibali kunye neentlobo zeencwadi abathanda ukuzifunda?



- G. Books about karate/ lincwadi ezimalunga nekarati
- H. Stories with witches in them/Amabali abalisa ngamagqirha
- I. Stories (especially ones about aeroplanes) on his cellphone/Amabali (ingakumbi abalisa ngeenqwelomoya) akwiselula yakhe
- J. Books that tell you how to make things/lincwadi ezikuxelela ngeendlela zokwenza izinto ezithile
- K. Romance novels/ linoveli zothando
- L. Pirate stories/Amabali abalisa ngabaphangi baselwandle

**2.** Can you make twelve new words from the letters in the word, LITERACY? Write down your words and then have fun writing a sentence that uses as many of them as possible!

Ungakwazi ukwakha amagama amatsha alishumi elinambini usebenzisa oonobumba abavela kweli gama lithi, LITHERESE? Wabhale phantsi amagama akho uze wonwabele ukubhala isivakalisi usebenzise la magama matsha abemaninzi kangangoko kuso!


**3.** Use the clues below to guess what each of these things is.

- You read it. It has pages and a cover. Sometimes it has chapters.
- You write this when you want someone else to know how to cook something you already know how to make.
- You read it. It has big pages, a new one is sold every day and you find the Nal'ibali Supplement in it.
- Before you go to buy things, you write this so that you can remember what you need to buy.

Sebenzisa oonobonisela abalapha ngezantsi ukuqashela ukuba yintoni na into nganye kwezi zilandelayo.

- Uyifundile. Inamaphepha kunye neqweqwe. Ngamanye amaxesha inezahluko.
- Ubhala yona xa ufuna omnye umntu azi indlela ekuphekwa ngayo ukutya okuthile nosele wena ukwazi ukukupheka.
- Uyayifunda. Inamaphepha amakhulu, kuthengiswa entsha yonke imihla kwaye uHlelo lukaNal'ibali lufumaneka apha ngaphakathi kuyo.
- Phambi kokuba uye kuthenga izinto, ubhala yona ukuze ukhumbule ukuba kufuneka uthenge ntoni na.

**Answers:**

1. A - L, B - J, C - H, D - K, E - G, F - I
2. For example: let, it, at, rat, cat, race, trace, lace, lice, rice, car, tar, ate, rate, late, real, year, teal, tear, tier, tile, care
3. book, recipe, newspaper, shopping list

Running out of story ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) for articles and ideas to encourage a love of reading in your child, and to help keep them hooked!



Ingaba umelwe yingqondo malunga nokusetyenziswa kwamabali? Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ufumane amanqaku kunye neengcebiso zokukhuthaza uthando lokufunda emntwaneni wakho, kunye nokubagcina benxanelwe ukufunda nangakumbi!

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.